Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2026

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1

**AMANQAKU:** **70**

**IXESHA:** **2 iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

   ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
   ICANDELO B: Isishwankathelo (10)
   ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye ukuze umsebenzi wakho ungaxinani.

8. Qwalasela ngeliso elibukhali upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

## ICANDELO A: ISICATSHULWA SOKUQONDA

## UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda ISICATSHULWA A, uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

## ISICATSHULWA A

### IIMFIHLELO ZEXESHA LOBOMI BAKHO

1 Ubomi bomntu xa sele efikelele ebuntwini, apho anokwenza izinto eziphathekayo, bubalwa ubude babo ngezinto azenzileyo. Ixesha umntu alichithele ekwenzeni izinto ezingento “aliphilwanga” koko uphulukiwe lilo. Le nto umntu iphila ngezenzo, ayiphili ngaminyaka, iphila ngeengcamango. Kaloku izenzo zakhe ziziqhamo zeengcamango. Akaphili nangokuphefumla.
EsiXhoseni kuthiwa yindoda lowo ulimayo,uneenkomo,uneegusha, neebhokhwe, lowo enengqili yomzi. Lowo usisanyamtya, isiyatha nesityham-tyham sento engenamzi nantsebenzo asingomntu ukukufa kufunjiwe. Siphilela ukulungisa iimposiso zabazali bethu nezethu umhla nezolo, side sibhubhe. Akunakuba neemposiso nampazamo ungenanto uyenzayo. Yiyo le nto sithi “ongenzi nto akaphili”.

2 Xa side sibhubhe sinomsebenzi esingekawenzi nokuba uyintoni na, lo nto ithetha ukuthi ixesha lobomi bethu “lifutshane” ukuba ngaba ubomi bethu bufutshane, ibe wona umsebenzi wethu uyintaba; yaye sesisazi kwasentloko ukuba siza kuwushiya singawugqibanga, kufuneka sibe zizinxada-nxada, sibe maphikana, sikhefuzele, sigxabha-gxabhise ukwenza nayiphi na loo nto siyiphetheyo. Kwakhona , xa ixesha lethu lokudla ubomi linganelanga nje ukuba lifutshane, koko liphala, kufuneka sizame ukulonga xa sisebenza izinto-yinto zethu. **Eyona nyaniso ikrakra yeyokuba kuyingozi kwaye kubuhlungu ukufundiswa indlela yokwenza into bubomi**. Kukho iingqondi namaciko acebisa abantu, athi xa obu bomi bethu bubufutshane kangaka, sinentaba yomsebenzi, ukuze songe ixesha masenjenje : Masenze into ngelo xesha besizimisele ukuyenza ngalo. Masingaman’ ukuthi, “Hayi ndoyenza ngomso”. Ibe kungekho nto ndiyenzayo ngoko. Singayenzanga ngoko nangoko, sinokungabuye silifumane ixesha lokuyenza loo nto.

3 Kukho abantu abathi bangabi nazinto baziphumelelayo ukuzenza, kuba bedlala ngexesha labo. Singalonga njani ke ixesha?, ngokucwangcisa izinto esiza kuzenza. Sikwenzile oku, umsebenzi wethu lowo siza kuwenza masiwucwangcise ngendlela esiyiqondayo ukuba iya kuwenza ulandeleke **msinya**. Kwizinto ezifundwayo ngengqondo sizikhumbula ngokucacileyo, ukuba sithe ekuzifundeni kwethu, zatsala iingqondo zethu. Nangaphezu koku, siyikhumbula gca into esithe sayenzisisisa ixesha elide ngokwaneleyo, ide ingene engqondweni. Oku akwanelanga qha, kufuneka simane siluhlaziya ulwazi lwethu ngaloo nto.



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

Bangaphi abantu abathi bakuqonda ukuba bayaqhathwa lixesha ekubeni ziseninzi izinto ekusafuneka bezenzile baphelelwe ngamandla, ithi naloo ntlantsi yephunga icime pam? Batsho bawe nakuloo nto bebeyenza. Ubunzima obuthi boyise abantu abaninzi bobu bokuba kufuneka baqiqe ubungakanani bomsebenzi lo bangekawuthi cha, baphinde baqondisise ixesha abaza kuzinika lona ukwenza loo nto.

4 Umntu uthi ngewayeyenzile into, athi ngokuzinika ixesha elinganelanga awe phantsi. Izinto ezininzi zilingiwe ngabantu, abaziphumeza baba ke bachithe ngexesha labo. Nakuba kunjalo aba bantu asingebabaleli kuluhlu lwabantu abangabuphilanga obu bomi. Aba abantu, singathi xa sithetha ngabo, “ngomasindw’ ezama abangenatyala”. Into enokuba yimfihlelo kwabanye abantu, yile yokuba, “bubufutshane” bunje obu bomi bethu, into esisimanga kukuba ukuhamba kweeyure kuthabatha ixesha elide kwindoda eyingqondi, indoda ethi icinge imamela nokuthungelana kweengcamango engqondweni. Akukhe uyive into yokufunda into enzima, uzama ukuyetyisa, ufuna ide ingene engqondweni? Uyagogoza, unqantse ufike encotsheni, uze uthi wakujonga umhlaba owuhambileyo, ufike umfutshane kakhulu, libe lona ixesha olithabathileyo lilide. Kwanje ngamaxa ulele cum, akukuva ukuhamba kwexesha. Uthi xa uvuka, unge ulele umzuzwana phambi kokuvuka kwakho. Kukwanjalo ke nakumntu ongenanto ayicingayo, ezakhe iiyure zinwabuluka okolovane. Loo nto yenze achekreke, adikwe lixesha. Phakathi kwaba bantu babini, owokuqala wonwaba ngokugqitha kweyure nganye ethe ngelo xesha kwabakho ndinyana ayikhathuleyo, ukanti owesibini othe wachekrwa lixesha, uthandazela ukuba iiyure zigqithe.

5 Xa kunje ke kufanelekile okokuba sithi lowo wenza imisebenzi yengqondo nesandla, wolula ubomi bakhe. Ngenye indlela ubomi bakho bude ngenxa yezinto ezininzi ozenzileyo. Usisifede sento engenzi nto, ingacingi nokucinga nto enokunceda abantu, sifanelwe kukukuthabatha njengomntu onobomi obufutshane kakhulu. Umntu onjalo singathi xa sifunda imbali ngobomi bakhe, “wazalwa, watya, wafa, wangcwatywa” kube kuphelile kanjalo. **Mamela!mamela! mamela**! ixesha lethu lokudla ubomi lifutshane, nokuba selingamashumi asixhenxe eminyaka. Siyakubhubha ikho into nokuba incinane esiya kuyishiya singayigqibanga. Ngaphandle kwabambalwa, uninzi lwethu lufa singekafiki nakumashumi amahlanu. Intetho yesiXhosa ekhuthaza amavila alindele ukufumana yonke into kungekho mizamo namigudu ayenzileyo ithi “isilo esihleliyo, singenzi nto sidla ukuhlala, ze esiphilayo, ibe sesithwethwayo”.

6 Sibhubha nje sishiya uwalakahla lwabantwana olusafuna ukondliwa, ukunxitywa nokufundiswa ngemali. Amaqhenge asamile siyawabona ngoku singcwabayo. Ubona nje sisithi xa umntu ebhubha, silile *ezikrakra* kukucinga ukuba xa umenzi esimka kuza kwenza bani na? Bekuya kubakuhle ukuba ubani nobani, atye ebeka imali, axel’ imbovane ilungiselela uBusika, ukuhlangabezana neengxaki, ukuze imali yenze esiya kukushiya singakwenzanga. Masisebenze, senze izinto ezibonakalayo, siwucwangcise umsebenzi wethu, sizikhethe izinto ezisifaneleyo phambi kokuba sicwangcise, sisebenza nokusebenza. Siyakuthi siyibeka inqawa, sibe sixolile, sisazi ukuba sibudlile ubomi.

[Sithatyathwe kwincwadi*: Ndithungile selani, D.V TOM*]



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

## ISICATSHULWA B:



[Sicatshulwe kwi –intanethi *www.gettyimages.com/photos/wakeup/alarmclock*]

## ISICATSHULWA A

### Jonga kumhlathi woku-1

1.1 Xela ukuba ubude bobomi bomntu xa sele efikelele ebudaleni bubalwa kanjani ngokwakwisivakalisi sokuqala. (1)

1.2 Nika iingcasiso ezimbini ezahlukeneyo zegama "**ukuphulukwa**": (a) ngokomxholo wesicatshulwa: (b) ngokwentsingiselo eyahlukileyo kule yesicatshulwa. (2)

1.3 Caphula amazwi enkuthazo afumaneka kulo mhlathi wokuqala uwathethe kulowo ungenzi nto kuba esoyika ukwenza iimposiso. (2)

### Jonga kumhlathi wesi-2

1.4 Xela izinto zibeMBINI ekufuneka zenziwe ngumntu khon'ukuze umsebenzi angawushiyi useyintaba ngokwalo mhlathi. (2)

1.5 Chonga kwimigca ebhalwe ngqindilili, amagama abemaBINI avuselela ingcinga yokulimala komntu ongakwaziyo ukulonga ixesha. (2)

1.6 Khankanya isizathu esizingileyo nesithethwa rhoqo ngabantu nesikhokelela ekungawenzini umsebenzi ngexesha ebekufanele ukuba wenziwa ngalo. (1)

### Jonga kumhlathi wesi-3

1.7 Bhala iingongoma zibeMBINI ezifumaneka kulo mhlathi, ezinokuthi zibeluncedo kakhulu xa umfundi efunda umsebenzi wakhe wesikolo. (2)



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

1.8 Nika isithetha-ntonye segama elibhalwe ngqindilili kumhlathi wesithathu. (1)

1.9 Chonga ibinzana elibonisa ukuba iingcebiso ebesele zikhankanyiwe azinamandla ngokupheleleyo, xa ingekaxelwa elandelayo, kwisivakalisi sama-35. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-4**

1.10 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi malunga neendlela ezahlukeneyo ezilandelwa ngabantu ngexesha. (2)

1.11 Xhasa okanye uchase ngokoluvo lwakho ukuchaneka okanye ukungachaneki kokufaniswa komntu ongenanto ayicingayo, ukuba ezakhe iiyure zinwabuluka okolovane. (2)

1.12 Caphula isivakalisi esibonakalisa isenzo esimangalisayo, kungenjalo esothusayo kwindoda eyingqondi ngendlela yokulawula ixesha. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-5**

1.13 Chaza ukuba angakhunjulwa ngantoni na umntu, xa ebesisilo esithwethwayo esaphila emhlabeni, ngethuba engasekho? (1)

1.14 Xela iinjongo zokuphindaphindwa kwamagama agqanyisiweyo kumhlathi wesihlanu. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-6**

1.15 Guqula esi sivakalisi silandelayo **sibe ngumyalezo** kubantu abangakwaziyo ukonga imali ukulungiselela ixesha elizayo:

Ubani nobani, atye ebeka imali, ukuze yenze esiyakukushiya singakwenzanga. (1)

1.16 Xela umfanekiso-ngqondweni ovuselelekayo kukusetyenziswa kwegama “ezikrakra” nelibhalwe bukekela kumqolo we- 79. (1)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.17 Khankanya zibeMBINI izinto ezikumhlathi wesi-4 ezibonakala emfanekisweni. (2)

1.18 Qwalasela emifanekisweni yamaxesha, **uxele ukuba ngubani na ixesha**, ze **uvuse umfundi ogama lingu “Chantel” osemfanekisweni**, kuba ngentsimbi yethoba ufanele ukuba uchophela iimviwo zakhe zokuphela konyaka. (2)

1.19 Ucinga ukuba ezi zicatshulwa zibini zinganakho na ukubancedisa abantu abachekrwa lixesha, baguquke kwiingcinga zabo, babe ziingqondi? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

## ICANDELO B: UKUSHWANKATHELA NGAMAZWI AKHO

## UMBUZO 2

## ISICATSHULWA C

## QAPHELA:

- Funda ngocoselelo esi sicatshulwa singezantsi sit**hetha ngeendlela umntu anokuzilandela ukubuyisela ukuzithemba kwakhe**. Shwankathela ngamazwi akho **ubhale iindlela umntu anokuzilandela ukubuyisa ukuzithemba**.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
- Shwankathela **ngokomhlathi kuphela**, kodwa isishwankathelo sakho masiquke ingongoma ezi-7.
- Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli.
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.

## ISICATSHULWA C

**IINDLELA ZOKWAKHA UKUZITHEMBA**

Uphando olufumaneka ku-google koogqirha bamazwe ngamazwe lufumanise ukuba uninzi lwabantu apha ehlabathini, alukholisekanga ngendlela oludalwe ngayo. Bambi abakholiseki yindlela abenza ngayo izinto kangangokuba loo nto ide ikhokelele kuninzi lwabantu abaye bazitshintshe inkangeleko yabo kuba befuna ukubonakala ngendlela ethile. Ukuze kwakheke ukuzithemba kuwe, tshintsha indlela yokucinga engakhiyo uziqhelise ukucinga ngendlela eyakhayo.

Wakuba uzisusile iingcinga ziphuthileyo nezimbi ngawe ubethelele ezilungileyo nezakhayo, ndiyakuthembisa, iyakuthi qwenge inkungu egubungele amehlo wakho. Kaloku into oyicinga ngawe esisiphene, kungenjalo esisiphako ingakwenza uzibone uyinkomo edla yodwa. Uthando nenkxaso evela kubantu ozalwa nabo ibalulekile nayo. Amandla okuzithemba ayazuzeka kwiqula elingatshiyo eliyimfundo, ngoko ke zixhobise kanobomi ngayo.

U W.E Mesatywa wahle wayibona kwantlandlolo inyaniso ethi: “akukho nzwana ingenasiphako”. Intaka egama linguthekwane yayiwushumayela futhi futhi umyalezo othi “ndimhle ngapha,ndimbi ngapha, kodwa ndoniwa yile ndawo”. Ngelo xesha ke uzijonge emanzini asisipili sakhe. Ukuhlala ucocekile esiqwini sakho, ubenevumba elimnandi, unxibe kakuhle maxa onke, kulibeka ezinkwekwezini izinga lakho lokuzithemba.



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

Yitya ke ngoko ukutya okusempilweni, usele amanzi rhoqo, uzilolonge, oko kuya kukunceda ekuhliseni uxinzelelo lwengqondo ekwenza uzibone gwenxa izinto utsho ube nokuzithemba. Umfanekiso owubona esipilini, ufana ncam nowoMdali wakho owakubona ugqibelele ngenkangeleko. Mawahlale enkenteza ke ngoko engqondweni yakho amazwi athi: “akakho onje ngawe”. Ubusazi ukuba njengokuba unqwenela ukufana nabanye abantu, nabo barhalela ukufana nawe?

Zamkele iimpazamo ozenzileyo ebomini bakho, ugqithe kuzo, ujongane ngqo nezi zinto zikubangela inkxalabo nezidimaza ukuzithemba kwakho. Yazi oku, umntu ongenazimpazamo, akanamizamo ebomini bakhe. Into yokwenza impazamo mayingakuthez’ amandla. Ukuphazama kuthathe njengenye yeendlela zokufunda ebomini. Kumaqonga emiboniso bhanyabhanya, ungahlek’ ulale xa unokubona iimpazamo ezenziwa ngabalinganiswa esibathandayo, phambi kokuba kushicilelwe imiboniso yoomabonakude.

Ngezinto ezincinane ozenzayo, umane uphumelela kuzo, ngazo kuyahluma ukuzithemba, utsho uzibone ukuba nawe unako. Amanqanaba okukhula komtwana asifundisa ukuba uqala arhubuluze, agaqe, acathule. Inqanaba lokucathula ke linemingeni yokuwa, aphoxeke kananjalo umtwana. Kodwa sekunjalo, uyazingisa angapheli mandla. Uzingiso ke lumkhaphelela emarhiwini aluhlaza umntu.

Zifundise ukuziqhwabela uzincome usakwenza kakuhle, kuba loo nto iyalenyusa izinga lendlela ocinga ngayo, utsho ubenokuzithemba okuthe kratya. Ukuba uzilandele zonke ezi ngcebiso awusokuze ufumaneke kuluhlu lwabantu abasoloko besenza isimbonono sesikhalo esiman’ ukuthi “AKUMNANDANGA! AKUMNANDANGA!”

[Sithathwe ku:*www.selfesteemprinciplesweb.co.za* saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3: UKUHLALUTYA INTENGISO

Funda le ntengiso ingezantsi (ISICATSHULWA D) uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

## ISICATSHULWA D




[Umfanekiso uthathwe ku-www.google.co.za saguqulelwa esixhoseni saza sahlelwa]

3.1 Nika igama lemveliso ethengiswayo. (1)

3.2 Xela isixhobo esidala umtsalane kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.3 Khetha kula mabinzana angezantsi, ibinzana elixela ukuba ayikho nye into eyenziwa yile mveliso emzimbeni

A Yondla amalungu
B Incedisa ukucola
C Yenza okuninzi
D Yongula inwebu (1)

3.4 Nika isichasi segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisibhengezo, kwesi sivakalisi silandelayo: Yongula inwebu kumehlo weenkonde. (1)

3.5 Xhasa okanye uchase uluvo lokuba, ngemifanekiso yekhala ebonakala kwesi sibhengezo-ntengiso, oko kuthetha ukuba imveliso ethengiswayo, yenziwe ngekhala. Uxhase uluvo lwakho. (2)



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.


3.6 Xela inzuzo ibenye efunyanwa ngulowo usebenzisa le mveliso, ucacise ukuba ingqinelana njani nomntu osemfanekisweni. (2)

3.7 Cacisa ukuchaneka nokungachaneki kokusetyenziswa kwegama u "yondla" kwesi sibhengezo-ntengiso ekuthundezeni umthengi ukuba aye ukuyithenga le mveliso.
Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

## ISICATSHULWA E

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.




[Icatshulwe kwi-intanethi *www.zitscartoons.com*, yaguqulelwa esiXhoseni yaze yahlelwa]

4.1 Ucinga ukuba indlela umam'Falken aphendula ngayo iselula yakhe kwisakhelo sokuqala yefanelekileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2 Ukubhalwa kathathu kophawu lokhuzo ekugqibeleni kwintetho kaTitshala, kubonisa ntoni ngendlela avakalelwa ngayo kwisakhelo sesibini? (1)



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

4.3 Xa ujonge kwisakhelo sesi-2 nesesi-4, amaqam eentetho zikamam' Falken ahamba neqam elikhangeleka lilelombane kungenjalo elomlilo.
Khetha impendulo achanekileyo ngokudizwa ngumzobi wekhathuni ngesimo sika mam'Falken kwezi zilandelayo:

A Ungumama okhwazayo xa ethetha, kuba akeva kakuhle.
B Ungumama omkhathalele kakhulu umtwana wakhe.
C Ungumama osoloko enomsindo, uphuma silwe ovuth'amadangatye, nosoloko ethetha kugqibele yena.
D Kungokuba wothuswe zezi ndaba aziva ngotitshala zokugeza kuka Ethan esikolweni. (1)

4.4 Jonga izijekulo zikaEthan kwisakhelo soku-1, ze ucacise iimvakalelo zakhe, uxhase impendulo yakho. (2)

4.5 Ngokuphonononga le khathuni, phawula ngesimo sikaEthan kokwabo nokuba simchaphazela njani esikolweni. (2)

4.6 Nika umyalezo wale khathuni (2)
**[10]**



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

## UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

Funda ISICATSHULWA F, uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F:**

**EYUNIVESITHI**

1 **Usuka kwisikolo semfundo ephakamileyo uya eYunivesithi**. Ubomi bohluke mpela. Uphuncukile kwimpatho engqingqwa yabazali neliso elibukhali labefundisi-ntsapho. U “hayi” no “ewe” uza kuphuma kowakho umlomo. Kwakunjalo nakuKhanyisa intombi kaZiqa xa wayengenela unyaka wokuqala phaya eYunivesithi yase Walter Sisulu kwezeNzululwazi.

2 Ibanga leshumi elinesibini wayeliphumelele gqathu ngezinga elisezinkwenkwezini. Abazali bakhe babelindele iziphumo eziqhakazileyo kunjalo nje beyithembile intombi yabo. Iyunivesithi yiyunivesithi ndiyakuxelela. Uthe akufika kobu bomi *buthe hli* baseYunivesithi uKhanyisa wathanda ukubhideka. Kaloku imenyu iyavuma khona. Zikho iindidi zolonwabo ezindidi-ndidi ngaphandle kolu lonwabo uzenzela lona.

3 Ngenye imini kufika umkhaya wakhe uNomonde osele esenza unyaka wesibini. “Mkhaya, yipati phaya kufutshane nam. Noko sithi **masivuthulule uthuli** sikwazi ukuqala kakuhle ezifundweni zethu. Masambe sana, ndiqinisekile ooDolls sebeqhuba phaya” “Mh-h mkhaya ndiza kufika ndithini mna phaya ndingabazi nje aba bantu undisa kubo?” utshilo enxunguphele uKhanyisa. Kaloku babethenjiswe ngovavanyo kwiziBalo, wayesazamana ke ngoko nokuncinane ababesele bekufundisiwe. “Loo nto ndinayo netest Mkhaya ngomso,” utshilo uKhanyisa ngelizophulayo kuMkhaya obengamphanga thuba. “Yhu ! suka sukuba fani apha. **Ungade** ungonwabi ngenxa yetest?”

[Sicatshulwe kwincwadi ethi Ngapha komkhusane, ebhalwe ngu N.P Dudumashe-Luthango ,iphepha 44, saza sahlelwa]

5.1 Guqula esi sivakalisi sokuqala nesibhalwe ngqindilili kumhlathi wokuqala sibe kwimo elandulayo ungalijiki ixesha esikulo. (2)

5.2 Nika intsingiselo yesi sivakalisi sikrwelelwe umgca ngaphantsi silandelayo:

U “hayi” no “ewe” uzakuphuma kowakho umlomo. (1)

5.3 Isifanekiso-zwi esibhalwe bukekele kumhlathi wesibini sisetyenziswe njani kwisivakalisi esikuso, jonga kwesi sivakalisi silandelayo:

Uthe akufika kobu bomi buthe *hli* baseYunivesithi ... (1)



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

5.4 Xela udidi lwesafobe esisetyenziswe nguNomonde nesibhalwe ngqindilili kumhlathi wesithathu, unike nentsingiselo yaso, nesiphinde sabhalwa ngezantsi:
... masivuthulule uthuli. (2)

5.5 Ingaba ithoni ekwigama eligqanyisiweyo kwisivakalisi sokugqibela somhlathi wesithathu iphantsi na okanye iphezulu?
Xhasa impendulo yakho. (2)

5.6 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo sibe kwingxelo-ntetho.

“Mh-h mkhaya ndiza kufika ndithini mna phaya ndingabazi nje aba bantu ...?

Qala ngolu hlobo: uKhanyisa ... (2)

**AMANQAKU ECANDELO: 30**
**AMANQAKU EWONKE 70**



Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.